URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshina Koloni
Patricia Van Niekerk
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Patricia Van Niekerk@westerncape.gov.za | 021 467 2171

Inombolo yefayili: 27/9
Isalathiso: 20220323-920

ISetyhula: 0018/2022

Iya: KuBalawuli beZithili, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNqununu nakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

ISihloko: Ukukhunjuzwa ngeSistim yoKwamkelwa kwaBafundi ezikolweni kusetyenziswa ikhompyutha *(Online admissions system)* njengesistim EKUPHELA kwayo esemthethweni okanye ifom emayisetyenziswe zizikolo ukwamkela abafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eNtshona Koloni

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) linqwenela ukukhumbuza izikolo ukuba ngokweSetyhula 63/2021, yomhla we-08 Oktobha 2021, izikolo AZINAKUSEBENZISA iifom zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ezizezazo okanye nayiphi na enye ikopi eprintiweyo okanye iifom zekhompyutha (*online forms*) ukwenzela injongo yokwamkelwa kwabafundi ezikolweni.

2. Isiqendu 5(7) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (uMthetho 84 ka-1996) *(South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996))*, sicacisa ukuba isicelo sokwamkelwa kwisikolo sikarhulumente masenziwe kwiNtloko yeSebe, yaye iziqendu 5(7) no-(8) zilungiselela ukunikwa kwezizathu kwisigqibo sokungamamkeli umfundi ekuzezi zilandelayo:
   - *(7) Isicelo sokwamkelwa komfundi kwisikolo sikarhulumente masenziwe kwisebe lemfundo ngendlela emiselwe yiNtloko yeSebe.*
   - *(8) Ukuba isicelo ngokwesiqendwana (7) sikhatyiwe, iNtloko yeSebe mayazise umzali ngencwadi ebhaliweyo ngokukhatywa kwesicelo okulolu hlobo nesizathu soko.*

3. UMthetho i-*SASA* noMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni (uMthetho 12 ka-1997) (*Western Cape Provincial School Education Act), 1997 (Act 12 of 1997*), ke ngoko iyakucacisa ukuba ulawulo lokwamkelwa kwabafundi ezikolweni kungumsebenzi oluxanduva lweNtloko yeSebe iWCED ngendlela emiselwe yiyo.

4. Isistim yekhompyutha okanye ikopi eprintiweyo yefom yokwenza isicelo kwikhompyutha ngako oko ziifom zokwenza isicelo ekuphela kwazo ezisemthethweni ezinokusetyenziswa zizikolo.

5. Kukhunjuzwa izikolo namabhunga olawulo ukuba zizifunde ezi setyhula zilandelayo zicacisa inkqubo nezizathu zokuba kungani na izikolo zingenakusebenzisa ezinye iifom okanye iinkqubo.

5.1. ISetyhula 53/2021, yomhla we-09 Matshi 2022, icacisa imigaqo-nkqubo nemigaqo emalunga nokwamkelwa kwabafundi abangenawo amaxwebhu asemthethweni baseMzantsi Afrika nabangamazwe angaphandle.

5.2. ISetyhula 59/2021, yomhla we-08 Oktobha 2021, imalunga nezenzo ezingekho mthethweni yaye icacisa ngokungaphezulu ukuba izikolo **azinakucela** ingcaciso eziinkcukacha zomntu malunga nabafundi abalindelekileyo nabazali babo ukwenzela iinjongo zokwamkelwa esikolweni, ezingangqinelaniyo nesahluko 2, umhlathi 5, we-*SASA* okanye uMthetho i-*Protection of Personal Information Act, 2013 (Act 4 of 2013)*.

5.3. ISetyhula 63/2021 igxininisa ukuba izikolo mazilandele mbo imihla namaxesha amiselweyo asemthethweni (*official timeframes*) apapashiweyo. Izikolo **azinakufuna** ukuba abazali bakungqine ukuyamkela indawo yokufunda phambi kowe-17 Juni 2022**.** Abazali banelungelo lokulinda zide zonke izikolo zibe ziphendule kwizicelo phambi kokuba bathathe isigqibo. Abazali banethuba ukususela kwi-27 Meyi 2022 ukuya kwi-17 Juni 2022 lokuba bathathe isigqibo sokugqibela.

6. Iikopi zezi setyhula zahanjiswa kuzo zonke izikolo yaye ziyafumaneka kwi-*WCED online portal* apha https://wcedonline.westerncape.gov.za/wced-circulars-and-minutes .

7. Ukuba ninemibuzo nokuba yeyiphi na malunga noku, niyacelwa niqhagamshelane nomphathi wesekethe ochaphazelekayo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
MLAWULI-JIKELELE OBAMBEELEYO WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2022-03-30